UNomsa wayethanda ukutya isonka samanzi ukodlula konke okunye ukutya. Wayesitya kusasa, emini nasebusuku rhoqo xa etyelele umakhulu wakhe ngeeholide zesikolo.






“Usithanda kakhulu isonka samanzi Nomsa!” Ungamva esitsho uMakhulu wakhe encumile.  UMakhulu wayesonwaba kakhulu xa etyelelwe ngumzukulwana wakhe. Wayeye ambhakele rhoqo isonka samanzi asithandayo.

“Ungathanda ndikufundise ukwenza isonka samanzi?” Wabuza uMakhulu ngenye imini.

Kwakusele kukudala uNomsa ebongoza uMakhulu ukuba amfundise. UMakhulu wayesala esithi uyakumfundisa xa emdalanyana.

“Sondela ume apha ecaleni kwam,” watsho uMakhulu ngothando ebusweni bakhe. Watsiba kwa oko uNomsa waya kuma ecaleni koMakhulu.





UMakhulu wathatha umgubo, igwele, iswekile, ityuwa namanzi adikidiki.

“Sinazo zonke izinto esizidingayo ukwenza isonka.  Si zakuzikafa phi zonke ezi zinto, Makhulu?” wabuza uNomsa


Wancuma uMakhulu wathi, “ungumncedisi okrelekrele, mzukulwana.”  Wamomotheka uNomsa evuya.   UMakhulu wathatha izitya ezimbini wanika UNomsa esinye.

Wagalela umgubo, igwele, iswekile, netyuwa esityeni. UNomsa wabukela naye walinganisa.

Wagalela amanzi adiki-diki waxova ngamanqindi.

UNomsa wabukela naye waxova ngamanqindi.





Baxova umxube benza wada wayintlama. Bayibumba intlama bayenza yangathi yibhola.

“Siza kuyithini ngoku intlama Makhulu?”

“Emva kokuba siyiphe ithuba lokonyuka sizakuyibhaka, sana lwam. Ngaloo ndlela isonka sethu siyathamba sibe lafulafu.”

Wahlamba izandla uMakhulu, uNomsa naye wenza njalo.

UMakhulu wagquma umxube wentlama wayigquma ngelaphu balinda iiyure ezimbini.

Wayeqinisekile uNomsa ukuba le yimfihlelo eyenza isonka sikaMakhulu sibemnandi ngaphezulu kwezonka zonke.

Emva kweeyure ezimbini uMakhulu wathatha imbiza enkulu wagalela amanzi wawabilisa. Intlama kwizitya zombini yayikhukhumele. UNomsa wacinga ukuba uMakhulu unemilingo.

UMakhulu waphinda wayixova intlama wayibumba okwebhola wayifaka esityeni. Wathatha isitya wasifaka kwimbiza enamanzi abilayo.

UNomsa wabukela naye waphinda waxova intlama, wayibumba wayifaka esityeni. Wacela uMakhulu amfakele embizeni enamanzi abilayo.

"Ngoku siza kulinda isonka sivuthwe," watsho uMakhulu.

"Ixesha lokuvuthwa kwesonka lixhomekeka kubungakanani baso. Thina siza kulinda iyure enye." Baphuma bayokuphumla emthunzini.

“Ndicinga sivuthiwe isonka ngoku mzukulwana.” watsho uMakhulu bangena phakathi.

UNomsa wayesithanda isonka esishushu.

“Ungathanda ukusitya nantoni isonka sana lwam?”

“Nobisi. Usi… “ Waphendula ngoncumokazi uNomsa,

“…qabe ibholoto. Ewe ndiyayazi kaloku,” wagqibezela uMakhulu esazi ukuba umzukulwana wakhe usithanda sinjani isonka sakhe.





Wasika isonka uMakhulu, wasiqaba ibhotolo. Wazenzela iti wagalelela uNomsa ubisi bahlala etafileni batya.

UNomsa wayexhelelwe exhukwana.

UNomsa wayesazi ukuba ihlebo lesonka sikaMakhulu luthando. Ngoku wayeza kubhaka ngokwakhe kwixesha elizayo. Wacinga njalo kubonakala ulonwabo nothando ebusweni bakhe.

